Umteteli

WA BANTU, JOHANNESBURG, 13TH SEPTEMBER, 1924.

Saxulutywa !—Ngamatye Omsebenzi ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Bona ke ! Namhlanje ndifun' uqondile
Mfondini wakowetu nantso intlekele
Balwa ngomsebenzi, sisate manga
Nawe ke namhlanje ngaw' yeka
[amawonga;

Nezidenge e Africa mazitete !—
E Dekapolis izidenge zatete
E Jeriko zakangela nemfama
Mazibone namhla nezetu imfama.

Nenkokeli mazivuke e Afrika
Zingapili ngamatambo naludaka
Zenze isikalo apa zikumbule
Lenzala ye Afrika ite rerelele.

Makowetu ! Ibahlungu lenyaniso
Namhlanje yesimini zalo mbuso
Wadada unetemba lezi Bhalo
Wati lahlani eyenu imibhalo.

Nandzo—izigebenga ! Nango—nama-
[sela
Ndakuvumbulula mna ndonosela
Naxulutywa ngamatye ngabapambukeli
Abadla e Jordani bengaliweli.

Inyaniso masipatwe nganeninye
Inyaniso kungaviwa bantu banye
Nantso ke ! Inyaniso yezi Bhalo
Napantsi ke, kweyetu imibhalo.

Inkokeli mazilale ngemihlana
Ziyeke lento yokube ziqulana
Kuliwa ngomsebenzi akungazintonga
Ipi ? Ke eyenu ? Ngawuxele ke ntanga

Nabiza ! Imali isinga nesinga
Yenzeni ke namhla ? Ngaw' xele ke
[ntanga
Sacikoza nje sada saqqitisa
Yalala—ingqondo yokuzipilisa.

U Yehova Esimema ngako konke
U Yehova Esibiza ngama Conke
Ukutsho ke nditi kule yomsebenzi
Sakude—Sifunde ! Udalwe nge Lizwi
Camagu !

Balwa ngomsebenzi, akungazintonga
Namhla nje ke nawe ngaw' yeka
['mawonga

Anikoyikina ? Ukuzek' ityala
Nayeka Izizwe sambete izandla ?

Umanyano nje kupela lungamandla
Kuba lulo lodwa olunokusondla.
Zonk' intshaba zakoyiswa ngenxa yalo
Nentsika ze Zulu zakwapulwa ngalo.

Kuhini kodwa sigqora ukutela
E Dekapolis nezidenge zateta
E Jeriko zakangela nemfana
Mazibone ! Namhla nezetu imfama
Camaguni ! Mazulu !